Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

MEYI 2018

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UKUTHINTELA *IMILILO* E-OVERSTRAND

Kungoku nje, sijamelene neemeko zemozulu eziquka ubushushu, umoya nokoma kodwa kubonakala ngathi nakwixesha elizayo le micelimngeni iza kuhlala ikho. Yingozi eyongezeleke nangaphezulu eza kuthi idalwe yimililo yamadlelo kulo nyaka. Ummandla weOverberg nothandwa kakhulu ngumlilo wamadlelo ngowona uza kuchaphazeleka ngakumbi kwiPhondo leNtshona Koloni apho ingqatsini yelanga lasehlotyeni idala ukuqhambuka kwemililo kwaye iNkonzo yaBacimimlilo ibaluleke ngakumbi kwiphulo lokulondoloza indalo ezizityalo nezilwanyana eziphila kulo mmandla.Kwenziwe ngokutsha umbhalo olumkisa ngomlilo wamadlelo waza waxhonywa kwiindawo ezimbini eGrootbos Private Nature Reserve phambi kokuba ufike eGasnsbaai kwindlela engu R43 nakwindlela iya ePringle Bay apho ifika ijike. Umsebenzi wale mibhalo ixhonyiweyo asikokufundisa ngokuthitela imililo nje kuphela koko ikwanika nabaqhubi inombolo yeZiko leZicimamlilo eOverstrand ukuze batsalele khona umnxeba xa kunokwenzeka babone indawo etshayo okanye esaqalisayo.

Le mibhalo ixhonywayo ilumkisa ngemililo neyaziwa ngokuba (ziibokkie signs) inikezelwe kuMasipala waseOverberg ngesisa yiGreater Overberg Fire Protection Association (GoFPA) ze iOverberg Working for Fire Team yona yancedisa ngokuyixhoma nokuyibethelela.

ISekela-Ntloko: kuLawulo lweZiko leZicimamlilo neNtlekele uMarlu Rust uthi kubalulekile ukufundisa abantu ngokuqhambuka kwemililo nokuthintelwa kwayo "Kufuneka sihlale sifundisa amalungu osapho nezihlobo ngeengozi zomlilo nokuba yintoni abanokuyenza xa kuthe kwaqhambuka umlilo" wathetha watsho.

Onke la maqela: Abanini-propati, iiNkokheli zoluNtu, abaYili, iiNkampani ezaka izindlu kufuneka adibane kufuthelwane nzulu ngolwazi olumalunga nokuqhambuka kwemililo. Indawo esihlala kuyo yenza ukuba sonke sichaphazeleke kukuqhambuka kwemililo. Yiloo nto kufuneka siyigqale imiqathango emiselweyo ukuze abantu kunye nemizi yabo bakhuseleke.

"Indalo ezizilwanyana nezityalo ezikummandla wethu kufuneka sizikhusele ekutshatyalalisweni ngumlilo ngendlela efanayo nokukhusela ubomi bethu nempilo yethu. Le nto ingenzeka xa ulawulo lokuqhambuka kwemililo lunokwenziwa ngendlela ehlanganisiweyo. Ukuqhambuka komlilo ngumsebenzi kawonke-wonke kakade,"wagqibela ngelitshoyo.

Xa kusitsha ndaweni ithile abantu bayacelwa ukuba banike ingxelo ngokukhawuleza ukuze kuphuthunyiswe apho ngokungxama. Ngethuba likaxakeka uyacelwa ukuba uqhagamshelane **naBaphathi kwiZiko leNtlekele noHlangulo ngale nombolo 028 312 2400**. Qiniseka ukuba unayo le nombolo emnxebeni wakho ophathwayo ukuze ufundise abantwana bakho ukuba isetyenziswa njani.

ABAKWA-ROTARY BABHIYOZELA UKUGQIBA IMINYAKA ENGAMA - 70

Sithi 'Viva!' kwabakwaRotary ngokuzenza idini lesizwe kwimicimbi yoluntu! Emfanekisweni nguAnn Wright ochophele isihlalo sokuba nguMongameli (ekunene), nguMongameli Ian Wallace, nguLynette Stassen uMlawuli wombutho noCebakhulu uDudley Coetzee.

I-Rotary Club yaseHermanus yabhiyozela ukugqiba iminyaka engama-70 ngesidlo sasebusuku nesasibangula umgaqo-siseko walo mbutho eClassroom Restaurant eHermanus ngoMgqibelo, umhla wama-25 kuMatshi. Ababekho apho ngooMongameli bangaphambili, aBalawuli bombutho bangaphambili kunye namalungu kaRotary eNewlands, eBellville nasePaarl. Ngabo ababekho ukusekwa kwalo mbutho ngomhla wama-25 kuMatshi 1948. Abantu nemibutho enika inkxaso nabo babeyinxalenye yale mibhiyozo.

UCebakhulu uAld Dudley Coetzee wawuncoma lo mbutho ngomsebenzi wawo omhle kulo mmandla wavuyisana nawo ngeminyaka emininzi yenzondelelo.

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe sebenzisa le imeyile Ann Wright (annwright@telkomsa.net) okanye Ian Wallace (iawallace@iafrica.com

Emfanekisweni apha nguGalie Badenhorst, nguHelen Zille oyiNkulumbuso, nguLester Smith oyiNtloko kwiZiko leZicimamlilo, nguMarchel Akkers noAlpheus Motlabi. IPhondo leNtshona Koloni kunye noHellen Zille laliwuzimasile lo mbhiyozo ngelinika imbeko kwiHero's Walk ngexesha leCape Town Carnival 2018.

AMAQHAWE ASE-OVERSTRAND AFANELE UKUBA AXHAWULWE ISANDLA…

IDolophu yaseKapa neyaziwa ngokuba yiMother City yavuka yema ngeenyawo ngobusuku bangoMgqibelo (17Matshi) xa kwakubanjwe iCape Town Carnival nalapho amawaka-waka ababukeli babehamba-hamba bengumkrozo ecaleni kweFan Walk eGreen Point kuchwayitiwe. Lo ngumnyhadala wasesitalatweni obanjwa minyaka le. Eli lisiko elidala elinenkqayi abathi ukulichaza-idolophu yaseKapa yenza umbulelo kuBacimimlilo ngokuchitha iiyure ezininzi bezinikele emsebenzini wabo wokuqinisekisa ukuba yonke imililo enokudala ingozi icinywa ngokukhawuleza. Abanye aBacimimlilo abazange babekho kulo mbhiyozo. Babehleli kwizitishi zabo belinde ikhwelo lokuba baye kuhlasela ukuqhambuka kwemililo nangawuphi na umzuzu. Abo bathi baphumelela ukuba babe yinxalenye yeHero's Walk bonwaba bonela ngobu busuku.

KUBANJWE INTLANGANISO YESIBINI YOLUNTU MALUNGA NOPHUHLISO LWASE-KLEINMOND

UMasipala waseOverstrand ugunyazise ukuba kwenziwe uphando ngomhlaba onokufumaneka kwiindawo ezingqonge idolophu yaseKleinmond ukuze umcimbi otshisayo wophuhliso uqalise kungentsuku zatywala. Inkqubela phambili yalo mmandla nayo iza kubekwa phezulu ngabasemagunyeni. Lo msebenzi uza kwenziwa ngumasipala kodwa exhaswa iqela elinamava nobuchule kumsebenzi wophuhliso. Abahlali baseKleinmond bamenywa ukuba bazimase intlanganiso yesibini yoluntu eyayibanjwe ngoLwesine umhla we-19 ku Apreli eProteadorp Community Hall ukuze bonyule abameli abaza kuba ngamalungu ekomiti eqhuba le projekthi. Injongo yale ntlanganiso yayikukufundela loo malungu asekuhlaleni athi wona akaphumelela kwintlanganiso yokuqala neyayibanjwe ngomhla we-15 kuMatshi 2018 ubume bengxelo nokucacisa banzi ngenkqubo eza kusetyenziswa ekwenzeni uphando ngale mihlaba. Ngaxeshanye, eli yayilithuba lokuba abahlali baseKleinmond baveze ezabo izimvo babuze izinto abangaziqondiyo. Ngexesha lokuya koonondaba amagosa kaMasipala onyulelwe lo msebenzi neqela elinamava nobuchule kumsebenzi wophuhliso babehlanganisela ndawonye izimvo zoluntu. IBhulethini inike isiqinisekiso sokuba kuhlelo olulandelayo iza kwenza ingxelo egcweleyo ngezigqibo ezaye zathatyathwa ngala maqela.

SIBAMBA NGAZIBINI

Kwintlanganiso yeBhunga eyayibanjwe ngomhla wama-28 kuMatshi 2018 uCebakhulu uDudley Coetzee wenza amazwi ovelwano kwabo bathi bachaphazeleka kudushe lwaseZwelihle wanombulelo ongazenzisiyo kuye nabani na owanika inkxaso kwabo babefuna uncedo nokwenza ukuba iimeko zibuyele esiqhelweni.

"Yaba lilishwa nje ukuba izinto zingalawuleki ze abantu baseZwelihle bazibhaqe bephantsi kweemeko zomngcipheko. Emva kokuthethisana neenkokheli zoluntu ndinalo ithemba lokuba lo mcimbi siza kuwufumanela isisombululo," watsho.

Ephendula kwintetho eyayenziwe nguSodolophu uMbhexeshi weANC uCeba Simphiwe Tebele wabulela ubunkokheli bukaSodolophu noMasipala waseOverstrand ngokubuyisela uzinzo nolawulo ngexesha lezidube-dube eZwelihle. Wenza umbulelo kumagosa kaMasipala nakubo bonke ooCeba ngendima abathi bayidlala ekuncediseni abantu baseZwelihle nabaphambukeli ababehlaliswe kwiindawo ngeendawo ngenxa yezidube-dube eOverstrand. Iqela elilawulayo namaqela aphikisayo ngokufanayo akazange abenanto iyenye ayithethayo ngaphandle kwemfobe yabantu baseOverstrand nokuzinikela kwabo ngokubanzi, ngakumbi inxaxheba yeZiko lokuNyanzeliswa komthetho, iZiko leZothutho, iNkonzo yaMapolisa eMzantsi Afrika nePolicing Forum.

AMANQAKU OKHUSELEKO EZINDLELENI

ekufuneka wonke umntwana ewazile

IZiko leZothutho eOverstrand, iSebe leZothutho neSebe leMisebenzi yoLuntu (iDTPW) labanendibano eHoopland Academy eStanford ngomhla we-14 kuMatshi neyayifundisa ngokhuseleko ezindlelni. Abafundi bakaGreyidi 5 baye bafunda ngamanqakwana abalulekileyo ngokhuseleko ezindleleni anjengokuwela umgaqo ngendlela ekhuselekileyo nokuba uphawu olothile lendlela luthetha ukuthini. USamantha van Vuuren oligosa lendlela wathi abantwana kufuneka ngalo lonke ixesha bakhuthazwe ukuba benze oku kulandelayo

- **ukuhamba epavumentini, okanye kwindledlana yeenyawo okanye apho kungekho pavumente, ukuhamba kwicala elinemoto eziza ngaphambili;**
- **ukujonga ekunene, ukujonga ekhohlo nokuphinda ekunene phambi kokuwela indlela;**
- **ukususa ii-headphones xa unqumla indlela; noku**
- **wela kwindawo eneerobhothi nakwezo ndawo zilungiselelwe ukuwela abahambi ngeenyawo.**

Emfanekisweni apha ngabafundi baseHoopland Academy kunye nezinye iitishala zabo kunye negosa lezendlela uSamantha van Vuuren noChris Abrahams oligosa lokhuseleko ezindleleni eDTPW.

WHEELCHAIR FRIENDLY

Umzila olungiselelwe isitulo esinamavili unika abantu imboniselo yeendawo ezimangalisayo ngobuhle

I-Cliff Path inqabile kujalo nje yenza umdla ongathethekiyo. Yenye yeeAsethi ezibalulekileyo eHermanus. Xa uhamba kule Cliff Path ingumgama ongaphantsi okanye ngaphezulu kwe-12km ubona iindawo ezidlwengula umxhelo ukusuka eNew Habour ecaleni konxweme ukuya eGrotto Beach. Kwenziwe iindawo zokuhamba izitulo ezinamavili apho kukho imfuneko, ukuze abantu abadala, abakhubazekileyo, iintsana nabantwana abaqhutywayo bafikelele kubuhle bemvelo. Umzila ongange-9km noquka ezi ndawo zilandelayo uyafikeleleka ngesitulo esinamavili.

Ezi ndawo zilandelayo:

- indawo eyiWestcliff yonke nelali egudle unxweme ukusuka eNew Habour ukuya eProtea Road iyabonakala
- ukusuka eMollergren ukuya eKwaaiwater
- ukusuka eVoelklip ukuya eGrotto
- imigca eziikhonto kwithambeka iHoy's Koppie

vula iwebhusayithi ethi www.hermanuscliffpath.co.za

I-MICHAELIS TRIO

Emva kwemini ngeCawe umhla wama-27 kuMeyi iZiko loBugcisa eOverstrand liza kusindleka **iMICHAELIS TRIO** esuka Kapa neza kudlala umculo kaBeethoven, uFrank Bridge noClara Scchumann. *Le konsathi iza kuqala nge 15 30 kwiOdithoriyam yoLuntu eHermanus. Itikiti kumntu ngamnye li-R140 (kumfundi ngamnye ngama-R60) kwaye afumaneka ngokutsalela iOfisi yeZokhenketho eseMitchell Street umnxeba ngale nombolo (028 312 2629). Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe nceda uqhagamshelane noRennie du Plooy ongunobhala ngale nombolo 082 940 4238*

IINGCALI ZIVEZA EZAZO IZIMVO NGAMANZI

UMasipala waseOverstrand ubhiyozele iNational Water Week eqale ngomhla we-17-23 kuMatshi phantsi komxholo othi "AMANZI BUBOMI"

UCebakhulu uAld Dudley Coetzee nowakwakhe uShirley banoConie Groenewald ecaleni kwabo (onguMphathi kaMasipala eOverstrand), uRashid Toely (owoNgamele uLawulo kwiSebe lezoPhuhliso loQoqosho noKhenketho kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni), uNora Hudson (kwiCandelo loNyango ngoncedo lweMithi), uWayne Siepman(uMphathi weArabella Hotel & Spa), uHeidi va der Walt (weBetter Tourism) uJoep School (onguSihlalo weFEDHASA WC Hotel Group, uSekela Sodolophu uElnora Gillion nomyeni wakhe uCraig kwintlanganiso yeHermanus Business Chamber eyayibanjelwe eArabell Hotel & Spa.

Iinkqubo ezindidi ndidi ngolondolozo lwamanzi zasiwa ekuhlaleni kwayiwa nasezikolweni ngenjongo yokufundisa uluntu ngokubaluleka kwamanzi nokuwasebenzisa ngengqiqo.

I-Hermanus Business Chamber yawuchana umxholo ngokuthi imemele amalungu ayo entlanganisweni ngomhla we-14 kuMatshi ukuze axoxe ngokunqongophala kwamanzi kwidolophu yaseKapa nokuba ukhenketho kummandla weOverberg uchaphazeleka njani yile meko.

Kwiingxoxo ezazibanjelwe eArabellaHotel & Spa kwakukho izithethi ezazisuka kwiPhondo leNtshona Koloni phantsi kweSebe lokuPhuhliso loQoqosho noKhenketho. uFedhasa(uMbutho oyiNtlanganisela yeMizi-mveliso eYamkela iindwendwe eMzantsi Afrika) naye wayekho kwezi ngxoxo phantsi kwesihloko esithi "Crucial issue of Water Management". UCebakhulu Dudley Coetzee noMphathi kaMasipala uCoenie Groenewald nabo babekhona kwezi ngxoxo.

Kwintetho yakhe ngesimo sokunqongophala kwamanzi eOverstrand uCebakhulu Dudley Coetzee wagxininisa kwinto yokuba amanzi bubutyebi obunqabileyo ekufuneka busetyenziswe ngendlela, bulondolozelwe ixesha elizayo.

"Sithetha nje iHermanus isebenzisa iilitha zamanzi ezingaphantsi okanye ngaphezulu kwezigidi ezili-10 ngeveki, xa lona iqondo lamanzi eDe Bos dam ekupheleni kwenyanga kaFebruwari 2018 lalimi kwi-46%. Thelekisa ke ne-50.7% ekupheleni koJanuwari 2018 kunye ne-74.8 ekupheleni koFebruwari 2017. Njengokuba iBuffels River Dam inikezela amanzi eRooi Els, ePringle Bay naseBetty's Bay yona isagcine i-85% yomthamo wamanzi ayo. I-Kraaibosch Dam eGansbaai nayo isagcine umthamo wamanzi ayo oyi-85%, ze iPearly Beach Dam igcine umthamo wamanzi oyi-100%," yaba njalo ingxelo kaSodolophu. Izitsala-manzi ngaphantsi komhlaba ezinika iHermanus, iStarford, iBaardskeerdebos neBuffeljagsbaai amanzi akhange zichaphazeleke kakhulu yimbalela kwesi sithuba, wongeza ngelitshoyo.

Waqhubeka nokuthi ukuze inani loo vimba bamanzi lande ngakumbi into yokuqala ekufuneka yenziwe kukomba ezinye izitsala-manzi ngaphantsi komhlaba kwisithuba seminyaka emibini ezayo. Kanti ke, ngaphandle kwale yezitsala-manzi ngaphantsi komhlaba, amanzi asetyenziswa ngokutsha awanazindleko zingakanani kwaye ongezelela lula koovimba bamanzi abakhoyo eOverstrand. Izicwangciso ezibekelwe ixesha elizayo zezokusebenzisa amanzi olwandle. E-Hremanus kuza kwakhiwa indawo enoomatshini bokukhetha ityiwa emanzini olwandle ukuze la manzi abenokusebenziseka.

"Akufunekanga sinqatyelwe ziindlela zokongezelela amanzi kulawo sele ekho koovimba esinabo. Le nto ithetha ukuthi amanzi amdaka kufuneka ahlaziywe ukuze asebenziseke ngokutsha. La manzi awahlaziywa ngenjongo yokuba aselwe ngabantu. Anokusetyenziswa kwezinye izinto ezifana nokugungxula ithoyilethi, ukuxova udaka, ukunkcenckeshela igadi namabala ezemidlalo.

Kungoku nje sisebenzisa amanzi ahlaziyweyo nafikelela kwi-1, 5 yezigidi zeelitha ukuze kunkcenkceshelwe ngawo amabala ezemidlalo kummandla waseHermanus. Kukho nenye iprojekthi esebenza kwangolu hlobo eGansbaai,"

Wongeza kwintetho yakhe ngelithi abantu kufuneka bafundiswe nkcakasana ngeendlela zokusebenzisa amanzi ngokutsha emakhayeni abo kwaye ukwamkelwa kwezicelo zobunini-propati kufuneka zikhatshwe lulwazi oluphangaleleyo ngolondolozo lwamanzi. Abantu kufuneka bakhuthazwe ukuba basebenzise iitephu ezihlaziya amanzi asetyenziselwa ukuhlamba izandla, iziqhamo nemifuno. "Amanzi emvula kufuneka anqandwe angayi elwandle koko asetyenziselwe ukuhlaziya amanzi amadala kwizikhongozeli-mvula.

Kuphuculwe umgangatho womzila ogudle unxweme phakathi kwe-Onrus neVermont ngokuthi kwakhiwe ibhulurho yeenyawo ngamaplanga amatsha.